Isalathiso: 20190205-1249
12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0004/2019

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi be-*ECD* nakwiiNqununu zamaziko e-*ECD*

Isihloko: ISaveyi yeSebe iWCED yaQho ngoNyaka ka-2019 yamaziko karhulumente namaziko azimeleyo e-*Early Childhood Development (ECD)*)

1. ISaveyi yaQho ngoNyaka yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) yamaziko e-*ECD* iya kuqhutywa ngowe-**05 Matshi 2019.** Ziyacelwa iinqununu ukuba zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi nedatha yootitshala kwi-*Central Education Management Information System (CEMIS)*. Umhla omisiweyo kubaphathi be-*ECD* wokusayinelwa kwedatha yeSaveyi yaQho ngoNyaka ngowe-**22 Matshi 2019**.

2. Niyacelwa niqinisekise ukuba oku kulandelayo kubonakaliswe ngokuchanekileyo kwi*CEMIS* ungadlulanga owe-**05 Matshi 2019:**

2.1 Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo kwiziko le-*ECD* ngo-2019 bayavela kumabakala, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa (*LoLT)* oluchanekileyo kwi*CEMIS*.
2.2 Zitshekishiwe yaye zihlaziyiwe iilwimi zeenkobe zabafundi.
2.3 Kuzalisiwe ukubhaliswa kwabafundi abangenayo nabakhutshiweyo esikolweni *(Learner transfers (in and out))*.
2.4 Inombolo yesazisi (*identity (ID) number*) iyimfuneko engummiselo kubhaliso lwabafundi.

3. Inqununu mayiqinisekise nokuba zihlaziyiwe ilisti zootitshala/zeepraktishina ezikwi-*CEMIS* yaze yangqinisiswa neminyaka yamava, amabakala nezifundo ezifundiswa ngo-2019. Mawasuswe amabakala nezifundo ebezifundiswa kwiminyaka engaphambili.

4. Mazingqinisiswe zonke izikrini ii-*displays* nee-*capture screens* neengxelo ii-*error reports* phambi kokuba kufumaneke icandelo lokusayinelwa kwesaveyi.

5. Malizaliswe icandelo lokusayinelwa kwesaveyi ukuvuma ukungqinisiswa kwedatha njengebonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi nenani labasebenzi ngowe-05 Matshi 2019.

6. Emva kokusayinelwa kwesaveyi yinqununu ngowe-05 Matshi 2019, kuya kwenziwa kufumaneke inkcazo emfutshane *(snapshot)* yayo yonke idatha yabafundi nootitshala yaye nazo naziphi na iimpazamo ezingekasonjululwa mazisonjululwe phambi kokusayinelwa kwesaveyi ngumphathi we-ECD ngowe-22 Matshi 2019.

7. Kunyanzelekile kusetyenziswe inombolo yesazi kazwelonke (*national identity (ID) number*) kubo bonke abafundi abakwiisistim zolawulo nokuphathwa kwezikolo ezikwikhompyutha (*computerised school administration and management systems)*. Iyafumaneka ingxelo ye*CEMIS* ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zesazisi (*ID numbers)* nokuququzelela ukufakwa kwikhompyutha kweenombolo ze-*ID* ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, MAYINGAFAKWA inombolo yesazisi engekho mthethweni. Niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi kwiSebe lweMicimbi yezeKhaya *(Department of Home Affairs)*. Ziyacelwa iinqununu zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

8. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi we-ECD ochaphazelekayo okanye nomlawuli weprogram yenkxaso *(SPA)* odweliswe apha ngezantsi:

ISITHILI	**UMNTU EKUQHAGAMSHELWANA NAYE**	**ISIKHUNDLA**	**INOMBOLO YEFONI**
Metro North	Lindsay de Kock	Umlawuli oyi-SPA	021 833 5483
	Branden Steenberg	Umlawuli oyi-SPA	021 833 5483
	Zaida van der Berg	Umphathi we-ECD	021 938 3013
Metro Central	Curtly R Africa	Umlawuli oyi-SPA	021 514 6752
	Philiswa Ntsinde	Umlawuli oyi-SPA	021 514 6946
	Madeleine Siddle	Umphathi we-ECD (*Caretaker)*	082 896 1043
Metro South	Cameron du Toit	Umlawuli oyi-SPA	021 370 2122
	Carly-Ann Cozyn	Umlawuli oyi-SPA	021 370 2017
	Carmen Niekerk	Umphathi we-ECD	021 370 2004
Metro East	Luciano Brummer	Umlawuli oyi-SPA	021 900 7222
	Nqwenelwa Baliso	Umlawuli oyi-SPA	021 900 7221
	Michelle Liedemann	Umphathi we-ECD	021 900 7221
West Coast	Cedric Morkel	Umlawuli oyi-SPA	021 860 1268
	Sally Meyer	Umlawuli oyi-SPA	021 860 1202
Cape Winelands	Hazel van Rooyen	Umlawuli oyi-SPA	023 348 0602
	Kaylin Steyn	Umlawuli oyi-SPA	023 348 0694
	Madeleine Siddle	Umphathi we-ECD	023 348 4677

Overberg	Jadean Wildschut	Umlawuli oyi-SPA	028 214 7362
	Maylene van Eden	Umlawuli oyi-SPA	028 214 7360
	Lynn le Grange	Umphathi we-ECD	028 214 7378
Eden and Central Karoo	Zaydene Visagie	Umlawuli oyi-SPA	044 803 8314
	Isabel da Silva	Umlawuli oyi-SPA	044 803 8314
	Lucretia Roux	Umphathi we-ECD	044 803 8314

9. Iinqununu zimele ukuziququzelela iinkqubo zeSaveyi yaQho ngoNyaka ukuqinisekisa ukuchaneka kwedatha efakiweyo nokuzaliswa kwayo ngexesha nokusayinelwa kwayo.

10. ISebe iWCED liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo kunye nomgangatho wedatha yawo onke amaxwebhu angenisiweyo eSaveyi yaqho ngoNyaka yaye liya kunika ingxelo ngezenzo zokungathotyelwa kwayo, ngokungangqinelani nokungapheleli kwedatha kwiNtloko kwiNtloko yeSebe leMfundo.

11. Ayakhunjuzwa amaziko *e-ECD* azimeleyo ukuba abe nolwazi ngeemeko zobhaliso. Kucelwa uqaphele ukuba ukulandelwa mbo kwezi mfuno zedatha zimiselweyo zeSebe iWCED kuyinxenye yale miqathango, yaye ukungathotyelwa kwale nkqubo kunokukhokelela ekubeni umfundi akhutshwe ezincwadini (*deregistration)*.

12. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liyalithakazelela igalelo nokuzimisela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano eya kuqhubeka okoko ngo-2019.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO
UMHLA: 2019-02-22